Isifundo 7

**Novemba 10-16*

Xa Kubakho Ungquzulwano

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:

Zenzo 6:1–6; Zenzo 10:1–23; Mat. 5:17–20; Zenzo 11:3–24; Zenzo 15:1–22; Amos 9:11, 12.

Indima Yenkumbulo:

"Kuba nina nonke ningoonyana bakaThixo ngako ukukholwa, nikuKristu Yesu; kuba nina nonke, nabhaptizelwayo kuKristu, namambatha uKristu. Akusekho mYuda namGrike; akusekho khoboka nakhululekileyo; akusekho ndoda nankazana; kuba nina nonke nimntu mnye, nikuKristu Yesu" (Galati 3:27, 28).

Omnye weyona misebenzi inzima yalo naluphi usapho lobuKristu ekuhlaleni kukugcina ubunye xa iiyantlukwano zeengcamango kwimiba eveza ibandla nomsebenzi eliwuthunyiweyo. Ezi yantlukwano zinako ukukhokelela kwiziphumo ezibi kakhulu. Iintsapho zamaKristu zanamhlanje azahlukanga kwezo sizibonayo kwiTestamente eNtsha. Abantu ngabantu, kwaye iiyantlukwabo, nangeendawo ezibalulekileyo, ziya kubakho. AmaKristu okuqala ajongana neembambano ezibangwa ziintiywano ezazibonakala zikho phakathi kwabantu neeyantlukwano ezinzima zokuchazwa kwamabali nezenzo aphambili kwiTestamente eNdala. Ezi mbambano zazinako ukulitshabalalisa ibandla kwasebuncinaneni balo ukuba kwakungakhange kubekho abapostile neenkokeli ezikwaziyo ukucinga nezafuna inkokelo kaMoya Oyingcwele kunye neziBhalo ukuze zikusombulule ukungaboni ngasonye. Kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo, sifunde ngendlela ibandla lasekuqaleni lathi laxhamla ubunye bebandla. Kule veki, siza kuqwalasela indlela ibandla lokuqala elenza ngayo ukusombulula iingxaki zangaphakathi ezabulahlela phantsi ubunye zaphantsa nokubuchitha ubukho balo. Zazisithini ezi mbambano, zasonjululwa njani, kwaye yintoni thina esinokuyifunda kuloo mava?

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaNovemba 17.*

Iintiywano Zobuhlanga

Funda: Zenzo 6:1. Wawuyintoni umba kwibandla lokuqala owenza ukuba abantu bakhalaze ngobuhle nokulingana kwenkqubo yokunikwa kokutya kubahlolokazi?

Amanye amaKristu okuqala abonakala ecatshukiswa bubukho kwabahlolokazi bamaGrike phakathi kwabo baza bawanika ukudla okuncinane kunabahlolokazi abangamaHebhere. Oku kubonakala ngokungathi kukukhetha kwenza ukuba kubekho umsantsa kusapho lwamaKristu angamakholwa okuqala. Nokuba kwakunjalo okanye kungenjalo ukubakho kokukhetha, ayisixeleli le ndima. Kuphela ithi, abanye abantu bakholwa ukuba kwakunjalo. Le mbambano yabutyityimbisela umnwe ubunye bebandla kusesekuqaleni. Indlela enika umdla ngayo into yokwahlukana ngokobuhlanga eyabonwa ngokukhawuleza ebandleni!

Funda: Zenzo 6:2–6. Aya athini amanyathelo alula awathatyathwayo libandla lasekuqaleni ukusombulula oku kungaqondani?

Ibandla lasekuqaleni lalikhula ngokukhawuleza, kwaye oku kukhula kwazisa imithwalo enzima phezu kwabapostile. Ukunyulwa kwala madoda asixhenxe, ngokwesithethe abizwa ngokuba "ngabadikoni" (nangona iTestamente eNtsha ingababizi ngolo hlobo yona), kwakukhula ukutsalana kwibandla lase Yerusalem kwaza kwanika ithuba lokuba babebaninzi abantu abaxakeka lulungiselelo lwebandla. Abapostile baziphulaphula ngobunono izikhalazo zamakholwa awayethetha isiGrike baza bacela isisombululo. Ukunyulwa kwamadoda asixhenxe ukuba abe ngabancedisi babapostile kwayekelwa kweli qela, laza lacebisa ngabafundi abasixhenxe, bonke bephuma kubantu abathetha isiGrike. La madoda kwakusithiwa "angqinelwe ngokulunga, ezele nguMoya Oyingcwele nabubulumko" (Zenzo 6:3). Ulungiselelo lwabapostile, olwalukukushumayela iLizwi likaThixo nokwahlula ukutya kubahlolokazi, ukuza kufika kweso sithuba, wahlulelwa amaqela amabini, lilelo lisenza umsebenzi olinganayo ngokuxabiseka kulungiselelo lokuvakalisa iindaba ezilungileyo. ULuka usebenzisa igama elinye, "ulungiselelo" okanye "ukukhonza" (diakonia), ukubhekisa kuko kokubini, ukulungiselela kwabapostile ngokushumayela iLizwi (Zenzo 6:4) nokulungiselela kwabadikoni ekwabeni ukutya (Zenzo 6:1).

Kukubaluleka okunjani okubonayo wena kwinto yokuba iinkokeli zabizela ndawonye abaninzi kumakholwa (Zenzo 6:2) ukuzama ukuza nesisombululo?

Ukuguquka KweeNtlanga

Ukuguqukela kweeNtlanga kwivangeli kaYesu Kristu kusisiganeko kwincwadi yeZenzo esivulela ibala kweyona mbambano inkulu ebomini bebandla lokuqala, neyayiza kuhlasela ubukho balo kunye nomsebenzi walo.

Funda: Zenzo 10:1–23. Zeziphi iziqalelo kule ndawo ezibonisa ukuba uMoya Oyingcwele wayesebenza ezintliziyweni zabantu abaninzi ukuba balungise indlela ukuze iiNtlanga zizifumane iindaba ezilungileyo?

Umbono unokuba wabonakala ungaqhelekanga kakhulu kuPetros. Umothusile kuba, njengomYuda othembekileyo, akazange wayityа inqambi okanye ukutya okungcolisiweyo, ngokokuyalela komthetho (bona: Levitikus 11, Hez. 4:14, noDan. 1:8). Sekunjalo, injongo yalo mbono wawungenanto nokutya kodwa ingemiqobo phakathi kwamaYuda neeNtlanga eyayithintela ukusasazwa kweendaba ezilungileyo. Imiqobo enjalo yayixhaphakile kwihlabathi lakudala njengoko ikho namhlanje. Kwiminyaka yokuqala, ubuKristu zisuka babakhelwe kumaYuda awamamkelayo uKristu njengoMesiya owathenjiswa kwiziprofeto zeTestamente eNdala. La makholwa okuqala kuYesu ayengamaYuda athembekileyo awayethobela imithetho njengoko yayifundiswa. Awazange ayithabathe ivangeli kaYesu Kristu ngokuthi icime okanye ichithe imiyalelo yeTestamente eNdala. (Bona: Mat. 5:17–20).

Funda: Zenzo 10:28, 29, 34, 35. UPetros wabona ukuba ithini intsingiselo yombono awawufumana eYopa? Yintoni eyamkhokelela kule nkcazo?

Into esiyibona isenzeka kwiZenzo yeyokuba uMoya Oyingcwele wayilungisa indlela yokuba iiNtlanga zamkelwe kubudlelane nosapho lwamaKristu. Babeza kukwenza oku ngaphandle kokuba baluke babe ngamaYuda kuqala. Into eyoyisa uPetros nabahlobo bakhe ukuba le ngokwenene yayiyintando kaThixo yaba kukuthululwa kukaMoya Oyingcwele kuKorneli nendlu yakhe ngokufanayo noko kwenzeka kubafundi bakaYesu ngemini yePentekoste (Zenzo 10:44–47). Ukuba uMoya Oyingcwele unokunikwa iiNtlanga ngendlela efanayo nakumaYuda, kwakucacile ukuba ukwaluka kwakungadingeki ekubeni likholwa kuYesu njengoMesiya. Esi sigqibo salungisa ibala lokulwa idabi elikhulu lokwazi ngoThixo kumaKristu okuqala.

UMoya Uyakhokela

Iingxelo zento eyenzekayo eKesareya kuKorneli zakhawuleza zafika kwiinkokeli zosapho lwamaKristu eYerusalem, aza acela uPetros ukuba anike ingxelo ngokwenzekayo. Akhathazwa yinto eyenziwa nguPetros kuba, ngokokuwuqonda kwamaYuda umthetho kaMoses, amaYuda athembekileyo ayengavumelekanga ukuba atye neeNtlanga (Zenzo 11:3).

Funda: Zenzo 11:4–18. Wathini uPetros ukuchaza umsebenzi kaMoya Oyingcwele nokukhokelwa kwaKhe kwesi siganeko? Yayiyeyiphi eyona ngongoma ibalulekileyo awayeyenza ngokubalisa oko kwenzekayo?

Nangona abanye baba nemibuzo ngokubasemthethweni kwezenzo zikaPetros nesigqibo sakhe sokubhaptiza ezi Ntlanga, amangqina awaneleyo (Zenzo 11:12) aqinisekisa ukuba uMoya Oyingcwele ngokwenene wabonakalisa ubukho baKhe ngokufanayo nangePentekoste. Inkokhelo nokukhokela kukaMoya Oyingcwele kule meko akuphikeki kwaye isipho samkelekile. “Bakuziva ke ezo zinto, bathi cwaka, bamzukisa uThixo, besithi, Kanti na ke neentlanga ezi uThixo uziphe ukuguqukela ebomini” (Zenzo 11:18).

Funda: Zenzo 11:19–24. Yintoni elandelayo eyenzekayo ebomini bebandla lokuqala?

Mhlawumbi abanye eYerusalem bacinga ukuba oko kwenzekayo kuKorneli nendlu yakhe kwakukhethekile nokuba awasayi kube aphindeke amava anjalo. Phofu wayengajonganga apho uMoya Oyingcwele. Xa babesasazeka ngaphaya kweYerusalem nelakwaYuda, ngenxa yentshutshiso eyabakho emva kokufa kukaStefano (Zenzo 8:1), aya eSamari, eFenike, eSipro, nakwa-Antiyokwe, baba baninzi abeNtlaga abamamkelayo uYesu njengoMsindisi wabo. Yinto le uYesu awayexele kwamandulo (Zenzo 1:8). Sekukuhle kunjalo oku kungena kweeNtlanga, ukuba sinokuzibeka kwindawo yala maYuda okuqala, akunzima ukubona indlela ayengaqinisekanga ngayo ukuba angaphendula athini.

Singaba thina ngokwethu sibambelele njani kwiimbono ezicuthekileyo zebandla nesigidimi sethu ezinokuphazamisa ukungqina kwethu?

IQumrhu LaseYerusalem

Funda: Zenzo 15:1, 2 namaGalati 2:11–14. Yeyiphi imiba emibini eyenza ungquzulwano olukhulu kwibandla lokuqala?

Isoyikiso kubunye bebandla awayejongene naso amaKristu okuqala lwaluyinene lunzima. AmaKristu ayecinga ukuba usindiso lwalukho kuphela kwabo babe ngabomnqophiso kaThixo, kwaye oku kwakuthetha ukuba ulwaluko lwalufuneka. Njengenxalenye yendlela yokuphila, la makholwa amaYuda ayekwakholelwa ukuba kwakufuneka ekuphephile ukuchukumisana nokuba kunjani neeNtlanga kuba kwakuya kuluphazamisa usindiso lwabo. AmaYuda ayenesithethe esingqongqo kakhulu ngokubhekiselele ekuhlanganeni neeNtlanga. Ezi zithethe zakhawuleza zasisikhubekiso kusapho lwamaKristu amatsha xa abapostile babeqala ukufikelela kwiiNtlanga ezazilangazelela ukuba ngabalandeli bakaYesu. Kuba uMesiya enguMsindisi wabantu bakaThixo bomnqophiso, njengoko kwakuxelwe ngenx' engaphambili kwiTestamente eNdala, babengamelwe abeNtlanga ukuba babe ngamaYuda kuqala baze balandele imigaqo eminye yomnqophiso xa befuna ukusindiswa?

Funda: Zenzo 15:3–22. Yeyiphi eminye yemiba eyabekwa ngexesha lentlangano yeQumrhu eYerusalem?

Umba apha wawumile kungquzulwano ngeenkcazo ezinzulu ezazigciniwe zamabali eTestamente eNdala angokwaluka nolwalamano neeNtlanga. Bathi xa abapostile, amadoda amakhulu, nabathunywa ababevela kwa-Antiyokwe behleli kunye, yabonakala iqhuba ixesha elide ingxoxo kungekho sisombululo. Kwathi ngoko, uPetros, uBharnabhas, noPawulos benza iintetho. Intetho kaPetros yarhesha kumbono awawutyhilelwa nguThixo nakwisipho sikaMoya Oyingcwele, owavula indlela yokuya kwevangeli kwiiNtlanga. Emva koko, uPawulos noBharnabhas bathetha ngawabo amabali ezinto uThixo awazenzela iiNtlanga ngabo. Isiphumo, amehlo amaninzi avulwa ngakwinyaniso entsha. Wathi uPetros: "siyakholwa ukuba sosindiswa kwangohlobo ezisindiswa ngalo nazo," (ethetha iintlanga)" (Zenzo 15:11). Iinkulungwane zesithethe ekwakukade sibanjiwe, zazichitheka phambi kokukhanya kwevangeli.

Ingaba lalikhe lakho ixesha apho wakha watshintsha ingqondo yakho ngendlela oqonda ngayo inkolo ekukade uyibambile? Yintoni owayifundayo kumava, mhlawumbi, awayenokukunceda xa kwakuza kufuneka uphinde ube nombuzo ukuqonda kwakho inkolo?

Isisombululo Esinzima

Kwathabatha umgangatho othile wokuthembana kwibandla laseAntiyokwe ukuba lithumele abameli eYerusalem ukuya kufuna esona sisombululo kungquzulwano lwabo. Sekunjalo, emva kweeyure eziliqela zengxoxo phakathi kwabapostile namadoda amakhulu, uYakobi, umntakwaboYesu, ekubonakala ukuba wayeyinkokeli kumhlangano, wawisa isigwebo ngoko kumele ukwenziwa (Zenzo 15:13–20). Ngokucacileyo, iqumrhu lagqiba abeNtlanga abadingi kuba ngabaguqukele ebuYudeni, bathobele yonke imininingwana yemithetho yemibingelelo, equka ulwaluko, ukuze babe ngamaKristu.

Funda: Amos 9:11, 12 noYeremiya 12:14–16. Zinto zini ezaxelwa kwangaphambili ngaba baprofeti beTestamente eNdala ngokubhekiselele kwizizwe ezimelene noSirayeli?

Nangona uYakobi wacaphula kuAmos 9, sibona ukurhesha kusindiso lwezizwe kwabanye abaprofeti beTestamente eNdala. Yayiyinjongo kaThixo lonke ixesha ukuba ihlabathi lonke lisindiswe ngokungqina namava kaSirayeli. Ekubizeni kuka-Abraham nguThixo kwakuqukwe ukusikelelwa kwazo zonke izizwe ngaye nenzala yakhe (Gen. 12:1–3). Ukukhokela kukaMoya Oyingcwele; ulungiselelo lukaPetros, uBharnabhas noPawulos eziNtlangeni; nokuguquka kweeNtlanga ezininzi kwaba bubungqina obabungenako ukubekelwa bucala. Obu bungqina bazinceda iinkokeli zosapho lwamaKristu eYerusalem ukuba akuqonde ukuba iziprofeto zeTestamente eNdala zazizaliseka ngoku. UThixo wayesele eyinikile imithetho ekhokela ubukho beeNtlanga kwaSirayeli nemiqathango ebhekiselele kuzo (Levitikus 17, 18). UYakobi naye wabhekisa kule mithetho kwisigqibo sakhe (Zenzo 15:29). Kwaya kwacaca kumntu wonke ukuba uThixo wayezibiza iiNtlanga ukuba zihlangane nabantu baKhe zamkele usindiso kuYesu. Ukukhokela kukaMoya Oyingcwele kwazinika ukusiqonda nzulu isiBhalo nokutyhila kuzo iinyaniso ezibalulekileyo ezingazange zazibona ngaphambili. KwiZenzo 15:30–35 sixelelwa ngendlela amakholwa aseAntiyokwe awasabela ngayo kwisigqibo saseYerusalem: “Abantu basivuyela isigidimi senkuthazo” (Zenzo 15:31, NIV). Apha sibona kwiZenzo umzekelo onamandla wendlela ibandla lokuqala, ngokuzinikela eLizwini likaThixo, kwingqondo yothando, ubunye, nokuthemba, awathi, phantsi kwenkokelo kaMoya Oyingcwele, ayijika into eyayiya kuba yintlekele embi kubunye.

Yintoni esifundisa yona le ngxelo ngokuba kubaluleke kangakanani kuthi, kungekuphela ukuphulaphula nje, kwinto ethethwa ngabanye, nokuba oko bakuthethayo asikuko ncam oko sifuna ukukuva?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Ellen G. White, "A Seeker for Truth," amaph. 131–142; "Jew and Gentile," amaph. 188–200, in *The Zenzo of the Apostles*. "Iqumrhu elagqibayo ngalo mcimbi lalinabapostile nootitshala ababesaziwa ngokukhulisa amabandla kumaYuda nakwabeentlanga, kukwakho nabathunywa abakhethiweyo abaphuma kwa-Antiyokwe, ekwamelwe namabandla aneyona mpembelelo inkulu. Iqumrhu lahamba ngokokuyalelwa yingqiqo ekhanyiselweyo, nangesidima sebandla elamiselwa ngokwentando yezulu. Isiphumo sako konke ukubonisana kwabo saba kukuba bonke babone ukuba uThixo ngokwaKhe wawuphendula umbandela owawuphethwe ngokuthulula uMoya Oyingcwele phezu kwabeeNtlanga; baqaphela ukuba okwabo kukulandela ukukhokela kukaMoya. Awuzange ubizwe wonke umzimba, olibandla, wamaKristu ukuba uvote kulo mcimbi. "Abapostile namadoda amakhulu" abantu abanempembelelo nababonayo, bawuqulunqa bawukhupha umthetho, owathi wamkelwa ngamabandla obuKristu jikelele. Asingabo bonke, phofu, abanelisekayo sisigqibo; kwakukho ibathwana elikrokrayo labazalwana elithand' udumo nelizithembileyo abangazange bavumelane naso. La madoda azimisela ukujongana nomsebenzi njengoxanduva lwawo. Azaliswa kukukhalaza nokuhlaba amadlala, esiza namacebo amatsha efuna ukutsalela phantsi umsebenzi wamadoda uThixo awawathambisela ukufundisa isigidimi seendaba ezilungileyo. Kususela kwasekuqaleni, ibandla libe nezikhubekiso ezinjalo zaye ziya kubakho kude kube sekupheleni kwexesha"—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile,* amaph. [196, 197].

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Manyathelo mani aya kwisisombululo kungquzulwano afumaneka kwezi ngxelo sizijonge kule veki anokusebenza ebandleni lenu xa kuvuke ukungavisisani? Nangona umba omnye elaliwuphethe ibandla wawunokwenza nokwaziwa kukaThixo, singafunda ntoni kwezi ngxelo enokusinceda xa imiba yenkcubeko, yopolitiko, okanye yobuhlanga ichwechwela ubunye? Ithini imithetho-siseko ebalulekileyo esiyifumanayo koku sikubonileyo?

2. Khangelani kwakhona kwisicatshulwa sikaEllen G. White esingentla. Nangona sesikhona isiphumo esihle, abanye abanelisekanga. Sifundo sini esinokusifumana kule nyaniso ilusizi?

Isishwankathelo: Ibandla lokuqala laliphethwe kakubi ziingxabano zangaphakathi ngemiba eliqela eyayinokulichitha. Siyibonile indlela elithe ibandla, phantsi kwenkokelo kaMoya Oyingcwele nokuzinikela eLizwini likaThixo, lakwazi ukuzisombulula ezingxabano layivala imisantsa.